uyakusixolela ngokuba nobutyala bokungakhathali, ukuba siyamcela ukuba asixolele. Uyakusinceda ukuze sikoyise.

## UMBHEXESHI WENKQUBO

Akukho mathandabuzo ngento yokuba izenzo zethu zithetha ngaphezulu kwamazwi ethu ngophengululo lweziBhalo olungakumbi nangexesha lomthandazo, amava ethu ngokwasemoyeni ngeNkosi aya kwendela. Oku kwendela kuya kubonakala ezenzweni zethu. Kukwiimpilo ezendeleyo eNkosini kuphela apho siyakubona izenzo ezibonakalisa uthando lwethu olunyanisekileyo kubamelwane bethu.

UmKrestu wanamhlanje ucelwa umngeni. Mayibe ngumthandazo weentliziyo zethu ukuba sibe siyakulufeza uxanduva esiluziselwa lilizwe lanamhlanje.

Njengenqaku lokuvala, masikhe sifunde kunye kwabaseFilipi 4:4-9. (Funda ezi vesi. Thatha ixesha ucinga ngokunzulu ngazo.)

## UMTHANDAZO WOKUVALA

Thandazela ukuba sibe nothando olunyanisekileyo kubo bonke abantu. Thandazela ukuba, uthando lwethu lube njengothando lukaKrestu lona luphuma ezinzulwini zeentliziyo zethu. Thandazela ukuba, imihla yonke silwamkela uxanduva lokunikela ubomi bethu ebungqineni obunyanisekileyo ngoKrestu.

ngembonakalo nangesandi sezwi ukuba babe thetha izinto ezikrwada. La mantombazana ayemancinci, kodwa inkoliso yawo yayi ngamantombazana angamaKrestu. Izenzo zawo zathetha ngaphezulu kwamazwi awo.

## ISIQENDU SESITHATHU

Elinye iqela lamantombazana amatsha neliphuma kumbutho wobumishinari lagqiba ekubeni libe ngamangqina alungileyo. La mantombazana ayehlala kwidolophu apho kwakukho abantu abaninzi besiLatini-Amerika. Ulwimi lwaba bantwana yayisi-Spanish. La mantombazana abudala buphakathi kwesithoba neshumi elinesibini, afuna ukunceda kwiindibano ezizodwa zabantwana ngexesha le khefu lesikolo.

Baxhoma izibhengezo kuyo yonke indawo. Izibhengezo zazisithi; "Yiza esikolweni seBhayibhile. Wonke umntu wamkelekile."

Abantwana bazibona izibhengezo baza beza. Babenezikhumba ezintsundu kunye namehlo amnyama atshawuzayo. Babethetha isiNgesi ngohlobo lwabo. Abazali babo babethetha kuphela iSpanish.

La mantombazanana ayexakeke kakhulu. Babenza bamkeleka abantwana baseSpain. Bahlala ecaleni kwabo baza badlala kunye nabo. Baba ngabahlobo abalungileyo kubantwana baseSpain. La mantombazana eva inkwenkwe endala isenza into yokuhlekisa ngendlela yeSpanish awayethetha ngayo omnye umntwana omncinci. Amnqanda ngokuthi amkhumbuze ukuba aba bantwana babenokuthetha iilwimi ezimbini lo gama yena enokuthetha ulwimi olunye kuphela.

La mantombazana ayengamangqina alungileyo kaKrestu. Izenzo zawo zathetha ngaphezulu kwamazwi awo.

## ISIQENDU SESINE

AmaKrestu amele ukwenza ubuhlobo phakathi kwabantu bonke abakhoyo ebomini. Ngokwesiqhelo, ubuhlobo obeneleyo nobokuqondana bumele ukuba benziwe ngaphambili kokuba umbuze umntu ngonxulumano lwakhe noThixo. UYesu wasixelela ukuba sithande uThixo ngazo zonke iintliziyo, Umphefumlo iingqondo nangamandla ethu. Waza emva koko wasixelela ukuba sithande abamelwane bethu kangangoko sizithanda ngako. Yinto eyinyaniso ukuba, ukuba umntu akamfumani uThixo kumntu ofana naye, akamfumani kwaphela uThixo. Ngamanye amaxesha siyoyiswa kukwenza ubuhlobo nothando kubantu abangafaniyo nathi. Sonwatyiswa bubudlelwana nabo bafanayo nathi. Singakuvuyela ngangokude sibulinganisele ubuhlobo nonxibelelwano. UThixo

UThixo wadala abantu bazo zonke iilwimi, amabala nezithethe.

UYesu wayenobubele kubo bonke abantu. Wakhe waphuma endleleni yohambo lwakhe ukuze enze ubuhlobo nentombazana yomSamariya. Yayiyintombazana yolunye uhlanga futhi ingumoni owaziyo ngokunjalo. AmaJuda ayewathiyile amaSamariya. Kodwa uYesu wayingqinela le ntombi. Yaba ngumlandeli onyanisekileyo kaKrestu. Siza kukhe sibone imizekelo emibini namhlanje. Le mizekelo zizinto ezenzekayo ngokuyinyani. Siza kukhe sijonge kwizenzo zamanye amantombazana asematsha. La mantombazana ayengamalungu ombutho wobumishinari ebandleni lawo. La mantombazana awohlukanga kuwe nakum njengoko sinonxibelelwano nabanye abantu abohlukileyo kuthi. Abanye kuwo ayengamangqina alunge kakhulu kaKrestu. Xa sibona oko akwenzayo la mantombazana, khumbula ukuba ayendwendwela abantu bolunye uhlanga nolwimi.

**ISIQENDU SESIBINI**

Abantu base-Indiya bahlala kuMantla naMazantsi eMerika. Aba bantu bohluke kakhulu kwaba bantu baseIndiya sibabonayo kweli lizwe lethu. Abanye balamaNdiya ahlala ezindlwini ezakhiwe ngomhlaba namatye. Zenziwe ngezitena ezingatshiswanga nezomiswe ngelanga. La maNdiya aneetalente zokuphotha, ukubumba ngodongwe, nokwenza iminyazi. Uninzi lwabo ngabalimi abanobuchule.

Umsebenzi wobumishinari uyaqhubeka phakathi kwala maNdiya. Abanye bamalungu ombutho wobumishinari babefunda ngomsebenzi wobumishinari phakathi kwamaNdiya. Amaqela athile ahlangana aqesha ibhasi yokuya kutyelela ezo ndawo.

Amantombazana ayevuya kakhulu kukubona oomama bamaNdiya bebhakela phandle izonka ngeeOvani ezisisangqa. Abanye babantwana bamaIndiya banxiba iikhostyum zabo ezinemibala eqaqambileyo baza benza umdaniso wesiIndiya.

Emva kwexeshana la mantombazana mancinci agqutyelwa luthuli, adinwa futhi ashushu. Aqalisa ukukhalaza aza acela amanzi.

Umcebisi wawakhokela, wawabuyisela ebhasini amantombazana. Wandula umcebisi wathi kuwo, "Anikhange nibe ngamangqina alungileyo namhlanje."

Enye intombi yathi, "Akukho mahluko. Abathethi ulwimi lwethu ngapha koko." Umcebisi wacacisa ukuba, nokuba abazange bakuqonde okwakuthethwa ngamantombazana, babe nakho ukuqonda



UTHOTHO LWEENCWADI

ZOPHENGULULO ZIBHALO LWAMAQELA

# UMKRESTU WANAMHLANJE

UMBHALI NGU-MRS. ONA JONES

Copyright, 1980
International Publications Service
All Rights Reserved

XHOSA
Translated, Printed and Distributed By
Ikhwezi Ministries
P.O. Box 189
Butterworth
Transkei

# OKUNGAPHAKATHI

**ISIFUNDO** **IPHEPHA**


1. NGUBANI ONGUMKRESTU WANAMHLANJE? 5
2. INTLALO YOBUKRESTU KWILIZWE LANAMHLANJE 8
3. UKUNYANISEKA KOMKRESTU 11
4. UMKRESTU EKHAYENI LAKHE 14
5. UMKRESTU NOMSEBENZI WAKHE 18
6. UMKRESTU NEBANDLA LAKHE 21
7. UMKRESTU NOBUMELWANE BAKHE 24
8. UMKRESTU OJONGENE NONXUNGUPHALO 28
9. UMKRESTU ESEBENZISA IMIQATHANGO YOBUKRESTU KUBUMI BEZWE LAKHE 31
10. UXANDUVA LOMMI ONGUMKRESTU 34
11. IZENZO ZETHU ZITHETHA NGAPHEZULU KWAMAZWI ETHU 37




# IZENZO ZETHU ZITHETHA NGAPHEZULU KWAMAZWI ETHU

### ISICENGCELEZO

*"Makakholeke amazwi omlomo wam nezicamango zentliziyo yam, phambi kwakho, Yehova, liwa lam mkhululi wam."* Indumiso 19:14

### UMBHEXESHI WENKQUBO

Siphonononge iivesi ezininzi eBhayibhileni ngexesha ebesifunda ngomKrestu wanamhlanje. Ezi vesi zithethe izinto ezininzi ngokuphathelele kwindlela esimele ukuhlala ngayo. UPawulos wabhala la mazwi ewabhalela kumaKrestu aseKolose "... asiphezi ukunithandazela nokunicelela, ukuze nizaliswe kukukwazi kakuhle ukuthanda kwakhe, ninokulumka nokuqonda konke okukomoya, ukuze nihambe ngokuyifaneleyo iNkosi, nise kuko konke ukukholisa, nixakathe isiqhamo kuwo wonke umsebenzi olungileyo, nikhulela ekumazini uThixo." (KwabaseKolose 1:9-10). Okokuba esi sicatshulwa siyinene ebomini bethu siyakumphilela ngokuthembekileyo uKrestu.

Kulula ukuthi siyamthanda uKrestu kunokuthi siphilela yena. Akukho lula kangako ukuluphuhlisa ngobomi bethu bemihla ngemihla uthando lwethu kuKrestu. "Andikwazi ukuyiva into oyithethayo ngenxa yezinto endikubona uzenza. Ingaba lento iyinyaniso ngathi? Ingaba kuyinyaniso ukuba izenzo zethu zityhila okuninzi ngokuphathelele kwisimo esiyinyaniso seentliziyo zethu ngaphezulu kwamazwi ethu.

### ISIQENDU SOKUQALA

Ingaba wenza njani kubantu abangafaniyo nawe? Ingaba wenza njani kubantu bolunye uhlanga nolwimi, nabesinye isizwe? Ngamaxesha amaninzi siba nobutyala bokubahleka abantu abanxiba nabathetha ngendlela eyahlukileyo kuthi.

Khumbula ukuba siyangqina kwaba bantu ngendlela esibaphatha ngayo ezindleleni, ezivenkileni nakuyo nayiphi na indawo esihlangana kuyo nabo.

Singanakho ukubatsala abantu ukuba beze kuYesu kanti sinakho nokubenza ukuba bangezi kuYesu. AmaKrestu amele ukufunda ukubamkela bonke abantu nje ngabathandwayo nguThixo ngabanye-ngabanye.

Ngexesha lonyulo, umKrestu umele ukuvota. UmKrestu umele ukuvotela umgqatswa ongumKrestu. Umgqatshwa ongumKrestu kwiofisi yoburhulumente ufanele ukusikhangela isihlalo sakhe njengesinegunya elivela kuThixo. Intlalo yakhe kunye nezenzo zifanele ukuba ngamaxesha onke zibonakalise uKrestu esebenza kuye futhi esebenza ngaye.

NjengamaKrestu, sifanele ukuqonda ukuba ezopolitiko zingalubizo lobuKrestu. Abantu abatsha abangamaKrestu bangamsebenzela umsebenzi omhle uThixo kwakunye nelizwe labo xa beguqukela kumsebenzi wopolitiko njengobizo lobuKrestu.

Okwexesha elide kakhulu, iipolitiki zibe zikade zithathwa njengomsebenzi wabantu abangakholwayo. AmaKrestu ebenokuyiguqula le ndlela yokucinga ukuba ebeyisebenzisa imigaqo yobuKrestu kubomi bawo.

**ISIQENDU SESIXHENXE**

Asingomsebenzi webandla ophambili ukufundisa amalungu alo ngemibandela yezopolitiko. Owona msebenzi webandla kunye nomfundisi kukushumayela iindaba zosindiso zevangeli. Noko ke, ngamanye amaxesha siyakudinga ukukhunjuzwa ukuba intando kaThixo iyabandakanyeka kubumi bethu ngokunjalo nakwezinye iinkalo zobomi bethu. Abazali kuyadingeka ukuba babaqeqeshe abantwana babo kwimicimbi yobumi bobuKrestu.

**UMBHEXESHI WENKQUBO**

UmKrestu akangekhe alohlule ukholo lwakhe kwisimo sakhe. Ukungqina kuyinxalenye yoxanduva lomKrestu kuThixo. Ubumi ngokunjalo buyinxalenye yoxanduva lomKrestu kuKrestu. UmKrestu umele ukuba ngamaxesha onke abe nokuyiqonda injongo yorhulumente. Umele ukuba ngamaxesha onke aziqonde iimfanelo zelizwe lakhe kuye.

**IZIHLOKO ZENGXOXO EMAZIKHOKELWE NGUMBHEXESHI WENKQUBO**

Ingaba singathini ukuze sincede silenze ilizwe lobuKrestu ilizwe lethu? (Fundisisani kunye uMarko 12:13-17; uMarko 12:33; uYakobi 5:16.)

**UMTHANDAZO WOKUVALA**

Thandazela ukuba sibe ngabemi abalungileyo abangamaKrestu. Thandazela ukuba umzali ngamnye abafundise abantwana bakhe ukulandela iimfundiso zikaKrestu ngobumi.





# NGUBANI ONGUMKRESTU WANAMHLANJE?

**ISICENGCELEZO**

*"Ukuba sithi sizivume izono zethu, uthembekile ulilungisa, ukuba asixolele izono zethu, asihlambulule kuko konke ukungalungisi."*
*1 Yohane 1:9*

**UMBHEXESHI WENKQUBO**

IBhayibhile iyasixelela ukuba umKrestu ungumntwana kaThixo. Umamkele uYesu, unguMsindisi wakhe neNkosi yobomi bakhe. Uzelwe ngokutsha ngomoya kaKrestu. Ubomi bakhe buguqulwe kangangokuba ungumntu omtsha.

IziBhalo zisixelela izinto ezininzi malunga namaKrestu akuqala. Kuyinto esomelezayo ebomini bethu bobuKrestu namhlanje ukuphononononga ezo zinto zazisenzeka kuwo. AmaKrestu akuqala ayesoloko egxekwa. Abantu abangakholwayo babesenza izigxeko ezibi zokuhlekisa ngawo. Kodwa kunjalo, la maKrestu ahlala ethembekile. Ayetshutshiswa ngeendlela ezininzi. Amanye ayexulutywa ngamatye. Amanye ayebulawa ngenxa yokokuba ayethembekile ekuvakaliseni umyalezo kaThixo ebantwini. Kwakungekho lula kuwo. Inyaniso ebalulekileyo yayikukuba ahlala ethembekile kuThixo wawo.

Ngoku, masike sicinge ngomKrestu wanamhlanje. Asinto ithathelwa phezulu ukuba ngumKrestu kwilizwe lanamhlanje. Abantu abaninzi bathi akukho Thixo. Abanye bayakholwa ukuba uThixo ukho, kodwa abamfuni uThixo ebomini babo. Abanye abantu banqula imali, izinto abanazo, kanti nditsho nomsebenzi wabo.

Ayilula indlela yomKrestu wanamhlanje. Ingaba thina bangamaKrestu namhlanje siya kuhlala sithembekile njengoko enzayo amaKrestu akuqala?

**ISIQENDU SOKUQALA**

UmKrestu uzaliswe luthando lokuthanda uThixo nabo bonke abantu. Uvakalelwa kakhulu ngenxa yeentswelo zabanye abantu ngaphezu kwesakhe isidingo. 2 Timoti 1:7 "Kuba uThixo akasinikanga moya wabugwala; wasinika owamandla, nowothando, nowesidima." (Funda ngokunjalo 1 Yohane 3:17-18.)

(Funda 1 Yohane 4:12, 16:21. Yixoxeni kunye intsingiselo yesi

sicatshulwa. Emva kwengxoxo yenu yentsingiselo yesiBhalo, phendula lo mbuzo: Ingaba umntu anganakho ukuthanda umntu ukuze ngaxesha nye enze izinto eziyingozi komnye umntu?)

## ISIQENDU SESIBINI

Ubomi bomKrestu buzaliswe ngumoya kaKrestu. UYesu wathetha kubafundi bakhe njengoko kubhaliwe kuMarko 13:11 kwathiwa "... musani ukuyixhalela kwangaphambili into eniya kuyithetha; ningacamangi nokucamanga nto. Into enithe nayinikwa ngelo xa, thethani yona; kuba asinini enithethayo, nguMoya oyiNgcwele."

(Fundela iqela uLuka 11:13; uLuka 12:12; Izenzo 4:8; kunye nabase-1 Korinte 3:16.) Siyafumanisa kwezi vesi ukuba uKrestu uhlala ebomini nasezintliziyweni zabakholwayo. (Xoxani ngale mibuzo:

(1) Ingaba umKrestu uyakuba nobutyala bokuhleba?

(2) Ingaba umKrestu uyakuthi cwaka aphulaphule intlebendwane? (Funda iLevitikus 19:18 neZenzo 24:16.)

## ISIQENDU SESITHATHU

UmKrestu uyayamkela iBhayibhile njengelizwi likaThixo eliphefumlelweyo. Uya kuyifunda ngobunono imihla yonke. Uya kuyisebenzisa kwincoko nabahlobo kunye nabamelwane, kuba iziBhalo yinxalenye ebalulekileyo yobomi bakhe.

2 Timoti 3:16, 17 uthi, "Sonke isiBhalo, siphefumlelwe nguThixo nje, sikwancedela ukufundisa, ukohlwaya, ukululeka, ukuqeqesha okusebulungiseni, ukuze umntu kaThixo afaneleke, axhobele wonke umsebenzi olungileyo."

UMarko 13:31 uthi, "Liya kudlula izulu nehlabathi, ke wona amazwi am akasayi kudlula." AmaRoma 10:17 athi, "Ngoko ke ukholo luphuma eludabeni, udaba ke lukho ngelizwi likaThixo.

Abantu abaninzi namhlanje emhlabeni bayayigxeka iBhayibhile. Bathi iBhayibhile indala, iphelelwe lixesha kwaye ayiyilungelanga intlalo yanamhlanje. UmKrestu uyazi ukuba iBhayibhile ililizwi eliyinyaniso likaThixo. Ineempendulo ezivela kuThixo zazo zonke iingxaki zethu.

Ibhinqa elaliyimishinari kunye namanina athile amaBhaptist ayehambela indlu nendlu ngexesha lophulo lovangelo. Indoda yaseAfrika eyayifunde yayityekeza, neyayinxibe kakuhle kakhulu yawamisa endleleni. Yathi kwimishinari. "IBhayibhile yincwadi yomntu omhlophe. Yaziswa



ukubanika isidima esiphezulu.

## ISIQENDU SESITHATHU

(Funda uMateyu kunye nakwabaseRoma 13:6-7.) UmKrestu umele ukuzihlawula iirhafu zakhe. UmKrestu akamele ukuze azame ukuziphepha iirhafu ezifunekayo. UmKrestu umele ukuhlawula iirhafu zakhe ngokukhawuleza nangokunyanisekileyo. Olu luxanduva alunika thina sonke uThixo. Injongo kaRhulumente kukukhusela nokukhonza abantu. Iirhafu zenza ukuba ibe yimpumelelo le nto.

## ISIQENDU SESINE

(Funda 1 Timoti 2:1-3.) UmKrestu umele ukuba athandazele onke amagosa oluntu. Simele ukuba siyithandazele inkosi. Sifanele ukuba siwathandazele amagosa ekansile akwimimandla yethu. Simele ukuba sibathandazele oosodolophu beedolophu zethu. Simele ukuba sibathandazele abagwebi beenkundla zethu zamatyala. Simele ukuba siwathandazele amalungu epalamente. Simele ukuba siyithandazele inkulumbuso yelizwe.

Abanye baba baphathiswa bakawonke-wonke bangamaKrestu. Noko ke, uninzi lwabo alumazi uKrestu onguMsindisi wabo.

Umthandazo uyabuguqula ubomi bomntu. Umthandazo ungaziguqula izigqibo ezibalulekileyo. IBhayibhile ithi kuYakobi 5:16b, "Sinamandla kakhulu isikhungo selungisa siyeyisa." Injongo yomthandazo onjalo kukuba siphile ubomi obuzolileyo nobunoxolo. Umthandazo onjalo ulungile kwaye wamkelekile emehlweni kaThixo.

## ISIQENDU SESIHLANU

AmaKrestu amele ukuba azamele urhulumente olungileyo. Abemi abavumelekileyo njengabavoti isemagxeni abo indlela aqhuba ngayo urhulumente. Abaphathiswa abanyuliweyo abangekhe babe bhetele kunabantu ababonyulileyo. AmaBaptist ayakholelwa ukuba amaKrestu amele ukukwamkela ukuvota kwakunye nokuthatha inxaxheba kwezopolitiko njengenxalenye yoxanduva lwawo.

## ISIQENDU SESITHANDATHU

Kuyinxalenye yobumi obulungileyo ukusebenzisa inxaxheba kunye nelungelo lokuvota. UmKrestu umele ukwenza oko anakho ukukwenza ukuze abe nokukulungela ukuvota. Ufanele ukuba ayifundisise imicimbi. Ufanele ukuba asigqale isimo, amandla okwenza kunye neembono zopolitiko zabagqatswa.

# UXANDUVA LOMMI ONGUMKRESTU

## ISICENGCELEZO

*"Kuba kubhaliwe kwathiwa, ndihleli nje mna, itsho iNkosi, aya kugoba kum onke amadolo, zidumise uThixo zonke iilwimi. Ngoko ke elowo kuthi uya kuziphendulela kuThixo."* KwabaseRoma 14:11-12

## UMBHEXESHI WENKQUBO

Sibonile kwisifundo seveki ephelileyo ukuba kuyimfuneko ukuba sibe nemithetho. Ewe kuyimfuneko ukuba inyanzeliswe imithetho yelizwe lethu. Namhlanje, sifuna ukufumanisa izinto ezithile esidinga ukuzenza ukuze sibe ngabemi abangamaKrestu belizwe lethu. ITestamente entsha isixelela ngoxanduva olunye kula maxanduva. UmKrestu ngamnye uyakuzama ukulandela oko imxelela kona iTestamente eNtsha ukuba akwenze.

## ISIQENDU SOKUQALA

(Fundela iqela kwabaseRoma 13:5; 1 Petros 2:13-16; kunye noTito 3:1.) Wonke umntu ongumKrestu umele ukuyithobela imithetho yelizwe lakhe. Ukuba bonke abantu bangawahlonela amalungelo abanye abantu, akungekhe kubekho tyala.

Ummi ongumKrestu akangekhe alibukele ityala. Umntu okhuthaza ukwaphulwa kwawo nawuphi na umthetho akangomKrestu olungileyo futhi engenguye nommi olungileyo. Ukuba kukho umthetho ongalunganga, ummi ongumKrestu umele ukuzama ngendlela ezisemthethweni ukuba uguqulelwe kolungileyo loo mthetho. AmaKrestu amele ukuba ngamaxesha onke ayithobele imithetho yelizwe.

## ISIQENDU SESIBINI

(Funda kwabaseRoma 13:7.) UmKrestu umele ukuwahlonipha futhi awabeke amagunya alawulayo. Isicatshulwa sethu sithi, "Ngoko bonke banikeni okubafaneleyo ... ukoyika ofanelwe kukoyikwa, imbeko afanelwe yimbeko."

Amagosa kawonke-wonke awangawopolitiko nje kuphela. ITestamente entsha iyasixelela ukuba angabameli bakaThixo. UThixo uyakubenza bazimele izenzo zabo ngexesha besezihlalweni zikawonke-wonke. UmKrestu umele ukuba athethe ngabo futhi enze kubo ngentobeko nangembeko. Ngenxa yezihlalo zawo, umKrestu umele



apha ivela eNgilani naseMerika ukuze idide abantu bam."

(Xoxani ngalo mbuzo: Yintoni oyicingayo ngeBhayibhile? Ingaba ukucinga kwale ndoda kwakuyinyaniso?)

## ISIQENDU SESINE

UmKrestu uyangqina futhi asebenze ngokuthembekileyo. Uyangqina ngentlalo yakhe yemihla ngemihla. (Fundani ngononophelo kunye kwabase-Efese 5:15-20.) UmKrestu uzama ukuphila ngohlobo oluya kubangela ukuba abantu abangakholwayo bangabi nakufumana mposiso kwinto ayenzayo. Uhlala elumkile futhi ezama ukuba angenzi nantoni na ekhangeleka imbi kubamelwane.

Ilungu lebandla elingumama alithembekanga ekuyeni ezinkonzweni zebandla. Umyeni wakhe uphangela kwakusasa yonke imihla. Kwakusasa ngazo zonke iintsuku zokusebenza komyeni wakhe, kufika indoda ehambele emzini wakhe. Ihlala iyure okanye iiyure ezimbini. Emva koko iyahamba. Akakhe athethe ngayo le ndoda kwincoko yakhe nabamelwane. Abazi ukuba kukho ukrexezo alwenzayo; kodwa kukhangeleka ngokungathi uyalwenza. Kukho ulwimi oluninzi phakathi kwabantu abangengomaKrestu. Umfundisi uceliwe ukuba akhe athethe neli lungu. Lo asingomsebenzi ulula kuye. Ingaba ucinga okokuba uThixo ufuna baziphathe njani abafazi abangamaKrestu? (Yitsho koomama balixoxe eli bali.)

## UMBHEXESHI WENKQUBO

Kuyinto ebalulekileyo ukuba siziphathe ngokwemiyalelo kaThixo. Kubalulekile ukuba singavumi kuvele ububi ebomini bethu. Ngazo ezi nyanga zintathu siya kukhe sifunde ngeziqu zethu njengamaKrestu. Siya kuzama ukubona uxanduva lwethu kuThixo ngendlela esithetha ngayo, indlela esenza ngayo nangendlela esihlala ngayo.

## UMTHANDAZO WOKUVALA

Thandazela ukuba umntu ngamnye kuthi thina balapha namhlanje azivume kuThixo izono zakhe khona ngoku. Thandazela ukuba umntu ngamnye apha kuthi aqalise ukuphila ubomi obutsha, obuphuhlileyo nobufezekileyo kuThixo.

INKQUBO 2

# INTLALO YOBUKRESTU KWILIZWE LANAMHLANJE

## ISICENGCELEZO

*"Unqulo oluhlambulukileyo, olungadyobhekileyo, phambi koThixo uBawo, lulo olu: Kukuvelela iinkedama nabahlolokazi embandezelweni yabo. Kukuzigcina engenabala kulo ihlabathi."UYakobi 1:27*

## UMBHEXESHI WENKQUBO

Kude kwaba sisiqhelo ebantwini ukuziphatha ngeendlela ezingamonelisiyo uThixo. Izenzo ezibi zisingqongile. Le nto yenza kube yimfuneko nangakumbi ukuba amaKrestu eme ngxishi enyanisweni kwiimfundiso zikaKrestu. UThixo akasixeleli ukuba indlela yomKrestu iyakubalula. Uyasixelela ukuba iyeyona-yona ndlela. Kuyo sifumana okungcono, neziphumo ezimiyo kunezo zendlela yehlabathi.

## ISIQENDU SOKUQALA

AmaKrestu asoloko ezifumana ekwiimeko ezingafanelekanga. Ngamaxesha anjalo, sifanele ukuba sizibuze lo mbuzo: "Wayeya kwenza ntoni uYesu ukuba wayekule ndawo yam?" UMateyu 6:33 uthi, "Funani ke tanci ubukumkani bukaThixo nobulungisa bakhe, zaye zonke ezo zinto ziya kongezelwa kuni."

Imizekeliso 4:23 ithi, "Nazintweni zonke zigcinwayo, londoloza intliziyo yakho; kuba aphuma kuyo amathende obomi." (Funda Imizekeliso 4:24-27.) Esi sicatshulwa sisibonisa ukuba kufuneka sibe nonophelo ngezinto esizenzayo.

(Balisa eli bali ukuze nilixoxe nikunye.) Umntu obhinqileyo owaziwa nguwe kuphela wasuka wakucela ukuba uhambe naye niye kwintlanganiso eyodwa. Iza kubanjelwa ekhayeni labantu ongabaziyo. Injongo yale ntlanganiso kukuxoxa iingxaki zesikolo. Unomdla ebantwaneni bakho nakwisikolo sabo. Uyavuma ukuhamba naye. Nakuba nifikile, kukho kuphela ingxoxo enzuzo ingabhekelephi. Intlanganiso iba litheko elinokusela okugqithileyo nokuziphatha okubi. Lomntu ubuze naye uvelisa izenzo ezibangela ukuba umthandabuze. Zibuze; "Wayenokwenza ntoni uYesu ukuba wayelapha kule ndawo yam?"



ngokumandla kwimiqathango yobulungisa nakwizenzo zobulungisa. (Funda imizekeliso 14:34.) Ziyafa izizwe ngenxa yokonakala kwesimo sokuziphatha.

## IZIHLOKO ZENGXOXO EMAZIKHOKELWE NGUMBHEXESHI WENKQUBO

1. Amanye amazwe anemithetho engabavumeliyo abemi ukuba bahlanganE ukuze bakhonze. Yintoni emele ukwenziwa ngabemi abangamaKrestu? (Funda amaHebhere 10:25; Izenzo 5:29; ULuka 4:8.)

2. UJohn ungumKrestu. Uyamthanda uThixo. Uyalithanda ibandla lakhe. Ngokunjalo uyalithanda ilizwe lakhe. UJohn unemfundo entle kakhulu. Ufuna ukubasebenzela abantu bakhe. UJohn ube ethandaza, efuna intando kaThixo ngobomi bakhe. Uyeva ukuba uThixo ufuna ukuba akhokele ilizwe lakhe njengomenzi wemithetho. Izihlobo zingcangcazelisa iintloko zazo ngokumvela intlungu uJohn. Abanye bathi, "Akungekhe ube ngumKrestu kwakunye nompolitiki ngaxeshanye." Ingaba ucinga ntoni? Ingaba anganakho uJohn ukuba zizo zombini, umKrestu kunye nompolitiki? (Phononongа amaRoma 12:6a; amaRoma 12:8-21; amaRoma 14:18-19.)

## UMTHANDAZO WOKUVALA

Thandazela ukuba sisebenzise imimiselo kaThixo kubumi bethu. Thandazela ukuba sibafundise abantwana bethu ukuba bamthande uThixo futhi balithande ilizwe labo.

Eminye imithetho iyimfuneko ebantwini ukuze bahlale kunye ngendlela eselucwangcweni. Urhulumente usisixhobo sikaThixo sokufezekisa esi sidingo. UThixo akazange asungule uhlobo oluthile loburhulumente. Kodwa uThixo uyasixelela eBhayibhileni ukuba urhulumente okanye imithetho iyimfuneko.

**ISIQENDU SESITHATHU**

Kwimibandela yokulungileyo nokungalunganga, umKrestu umele ukuba athobele imithetho kaThixo. KwiZenzo, isahluko 5 siyafumanisa ukuba uPetros kunye nabanye abapostile babelumkisiwe ngabalawuli ukuba bangawushumayeli umyalezo wevangeli ebantwini. Kodwa uThixo wathi kubo, "Hambani, niye kuma nithethe etempileni kubo abantu onke amazwi obu bomi." La mazwi afumaneka kwiZenzo 5:20.

UPetros kunye nabanye abapostile kwakufuneka bekhethile. Izenzo 5:29 ziyasixelela, "Waphendula ke uPetros nabapostile, bathi, "Simele kukuthi sive uThixo kunokuba sive abantu."

KwiZenzo 4:18-20 siyafumanisa ukuba uPetros noYohane bathobela uThixo endaweni yabalawuli. (Fundela iqela ezi vesi.)

**ISIQENDU SESINE**

UmKrestu ukuba aqonde ukuba ibandla kunye norhulumente zimele ukohlukana. Urhulumente ujongene nemicimbi yoluntu. Ibandla lijongene nemicimbi yomoya.

UmKrestu ujongene nazo zombini, ibandla lakhe kunye norhulumente. Akukho lizwe liyakuqhubeka ngokuba nempumelelo ukuba amagosa kunye nabalawuli abanazo izimvo zonqulo ezinzulu.

Naliphi na ilizwe liyabadinga abalawuli kunye nabenzi bemithetho abangamaKrestu azinikeleyo, nayihambayo icawe.

Ngabenzi mithetho abangamaKrestu kuphela abayakusebenzela ukuba ilizwe labo libe nokubanceda bonke abantu balo.

**ISIQENDU SESIHLANU**

UmKrestu oqondayo nozinikeleyo uluncedo elizweni lakhe. Ezi mpawu zingaphakathi zimenza umntu abe likholwa elililo futhi abe ngummi olungileyo. (Fundela iqela uMateyu 5:13-16.) UmKrestu usebenza njengetyuwa elizweni lakhe. Uyayilondoloza yona. Uyanceda ekuphuculeni isimo sokuziphatha selizwe lakhe.

Isizwe esimonelisayo uThixo sinabemi ababomi babo bunikezelwe



**ISIQENDU SESIBINI**

UmKrestu makakhumbule ukuba into ayenzayo iyabachaphazela nabanye abantu. AmaRoma 14:7a athi, "Kuba akukho namnye kuthi uzidlelayo ubomi." Ngokuhoya iziqu zethu kuphela sinokutsho ukuthi, "Into endiyenzayo yeyam. Asiyoyamntu kodwa yeyam." Le nto asiyonyaniso. Siphethe igama likaKrestu. Into esiyenzayo iyabachaphazela abayeni bethu, amakhosikazi ethu, abantwana bethu, abantu esizalana nabo, izihlobo zethu nabamelwana ibandla lethu nditsho kanye noThixo wethu.

Amalungu amabini abhinqileyo ebandla laseBaptist ayehlala kwizindlu ezayameneyo. Ayengabahlobo abakhulu. Ayesiya emhlanganweni kunye ngeveki nganye. Ayesiya enkonzweni kunye ngeecawa. Babehamba kunye naxa esiya kuthenga izinto zawo. Xa wawabona enye, nenye leyo yayikwalapho. Ngenye imini abantwana babo baxambulisana kakubi kakhulu. Abazali bazibandakanya nabo. Umzali ngamnye wayekholelwa kuphela kuloo nto yayithethwa ngabantwana bakhe. Abazali bathetha izinto ezimbi kakhulu omnye komnye. Umzali ngamnye watyhola omnye ngokufaka "Umoya omdaka" elusatsheni lwakhe. Yonke into embi eyayisenzeka kwakutyholwa omnye umzali ngayo.

Abantu abangengomaKrestu nabahlala kufutshane babehleka, besithi, "La ngamaKrestu." Akubandwendwela umfundisi kunye nemishinari, ngamnye kubo wathi: "Ibe yimposiso yelinye ilungu, hayi eyam." La malungu onzakalisa abanye abantu abaninzi ngaphandle kweziqu zawo. Awonakalisa umsebenzi kaKrestu.

**ISIQENDU SESITHATHU**

Kuluxanduva lomKrestu ukuba abe ngumzekelo omhle kubomi bakhe bemihla ngemihla. Akamele ukuba awophule ngabom nawuphi na umthetho. Umzekelo, akayi kuthengisa iziqhamo nemifuno kwindawo apho le nto ingavumelekanga. AmaKrestu awayi kuzama ukuphepha iirhafu. Akayi kukha iziqhamo emthini womnye umntu ngaphandle kokuba azinikwe ngumninizo. Ezi zinto zisengakhangeleka njengezinto ezingabalulekanga, kodwa azizange zingabaluleki. Xa abantwana bethu besibona singayithobeli imithetho kuba lula kubo ukulandela umzekelo wethu nditsho kanye naxa sele bebadala.

(Xoxani ngeli bali.) Uya evenkileni yokutya ngeliya kuthenga. Uyahlawula kumntu ekuhlawulwa kuye. Ukubuyisela itshintshi egqithisileyo kuleyo obumele ukuyifumana. Uzakuthini?

## ISIQENDU SESINE

UmKrestu umele ukubeka iintswelo zabanye abantu ngaphambili kwezakhe iintswelo. IBhayibhile isixelela ukuba senze kwabanye njengoko singa bangenza kuthi. Izenzo 20:35b zithi, "Ukupha kunoyolo ngaphezu kokuphiwa." Asimele ukuba senze nantoni na ngamabom eyakuthi imkhathaze omnye umntu. (Fundela iqela: 1 KwabaseKorinte 8:13; 1 KwabaseKorinte 10:31; uMika 6:8.)

## UMBHEXESHI WENKQUBO

Mhlawumbi enye yeenyaniso zeBhayibhile enzima kakhulu ukuba siyamkele nguMarko 12:31a. Iyasixelela "... uze umthande ummelwane wakho njengoko uzithanda ngako." Xa siyithanda ngokunzulu iNkosi yethu, iya kusinika amandla okokuba sikukhuphe ezintliziyweni zethu ukucingela iziqu zethu kuphela, ukubawa kunye nekhwele elibi. Indawo yezi zinto uyakuyivala ngothando, ububele, kunye nomnqweno wokuthanda abamelwana bethu njengeziqu zethu.

## UMTHANDAZO WOKUVALA

Thandazela ukuba amalungu ebandla omelele kuKrestu nakwintlalo yawo yemihla ngemihla.





# UMKRESTU ESEBENZISA IMIQATHANGO YOBUKRESTU KUBUMI BEZWE LAKHE

## ISICENGCELEZO

*"Ubulungisa buyaluphakamisa uhlanga; isono lihlazo lezizwe."*
*Imizekeliso 14:34*

## UMBHEXESHI WENKQUBO

IBhayibhile iyasixelela ukuba uThixo uyakhathala ngako konke okuchaphazelekayo ebomini bomntu, hayi nje indawo ethile. Sinoxanduva phambi koThixo ngazo zonke izenzo zethu, hayi nje ubomi bethu base bandleni. Amalungelo noxanduva lobumi adla ngokucingeleka ngathi ahlukile kumava okukholwa. Le nto ke ayiyonyaniso. Ubumi buyinxalenye ebaluleke kakhulu yentlalo yobuKrestu.

Kubalulekile ukuba onke amaKrestu akwazi oko akulindele kuwo uThixo ngokwakubumi belizwe. UmKrestu unoxanduva kuThixo nakwilizwe lakhe. Sizakukhe siphononongе iivesi zeBhayibhile. Siza kufumana imigaqo yobuKrestu emayilandelwe ngokuphathelele kubumi bezwe.

## ISIQENDU SOKUQALA

UmKrestu ngummi wobukumkani bukaThixo kwakunye nowelizwe lakhe. (Fundela iqela 1 kuPetros 2:9-17.) IBhayibhile iyasixelela ukuba umKrestu uphantsi korhulumente wasemhlabeni. Simele ukuba sibukhangele ngokunzulu ubumi bethu. IBhayibhile iyasixelela ngokunjalo kuYohane 15:19 ukuba umKrestu "Akangowehlabathi."

Ummiselo womKrestu njengommi wasezulwini "Kukufuna tanci ubukumkani bukaThixo nobulungisa bakhe ..." (uMateyu 6:33a). Ngenxa yokokuba umKrestu engummi wasezulwini, umele ukuba ngummi oyimbalasane kwilizwe lakhe. Umele ukuba anyaniseke kakhulu kwilizwe lakhe.

## ISIQENDU SESIBINI

UmKrestu umele ukuqonda ukuba uThixo uyimvelaphi yegunya likaRhulumente. (Fundela iqela kwabaseRoma 13:1-4.) UThixo ufuna ukuba zonke izinto zenziwe ngokomthetho nocwangco.

elilungileyo ngobabalo, wanga angazithuthuzela iintliziyo zenu, anizimase kuwo onke amazwi nemisebenzi elungileyo. (2 kwabaseTesalonika 2:16-17).

Umthandazo wokuvala: Thandazela ukuba xa sisonke sizame ukubatsalela kulwazi olusindisayo nolungoYesu abo sibathandayo. Thandazela ukuba sibe bubungqina obuhle ngeNkosi yethu ngamaxesha obuhlungu ebomini bethu.





# UKUNYANISEKA KOMKRESTU

## ISICENGCELEZO

*"Elokugqiba, bazalwana, ndithi, iinto zonke eziyinene, into zonke ezindilekileyo, iinto zonke ezibubulungisa, iinto zonke ezinyulu, iinto zonke ezithandekayo, iinto zonke eziludumo lulungileyo, ukuba kukho sidima, ukuba kukho ndumiso, zithekeleleni ezo zinto."KwabaseFilipi 4:8*

## UMBHEXESHI WENKQUBO

IEksodus 20:16 ithi, "Uze ungangqini ubungqina obubuxoki ngommelwane wakho. Lo ngomnye wemithetho elishumi awathi uThixo wayinika uMosis eyenzele abantwana bakwaSirayeli. Iyimimiselo kaThixo eyenzelwe thina. Singafunda iivesi ezininzi eBhayibhileni ezisixelelayo ukuba umKrestu makanyaniseke ngawo onke amaxesha. Masikhe sifunde ezimbalwa kwezi vesi ngoku.

IMizekeliso 12:22 " Ungamasikizi kuYehova umlomo oxokayo; abenza inyaniso ukholisiwe ngabo."

IMizekeliso 19:9 "Ingqina elixokayo alibi msulwa; ofutha amanga uyatshabalala." ILevitikus 19:11 "Ize ningabi; ize ningakhanyeli into niyazi; ize ningaxokisani."

2 KwabaseKorinte 8:21 "... sikhathalele izinto ezintle kungekhona emehlweni eNkosi yodwa, kukwasemehlweni abantu."

## ISIQENDU SOKUQALA

Ukunyaniseka kuyafunwa nguThixo. Le nto ifuna ukulawulwa kolwimi. UYakobi 1:26 uthi "Ukuba ubani kuni uba ungonqulayo, abe engalubambi ngomkhala ulwimi lwakhe, elukuhla intliziyo yakhe unqulo lwalowo alunto yanto."

UYakobi 3:10 uthi, "Kwakulo mlomo mnye kuphuma intsikelelo nengqalekiso. Akufanelekile, bazalwana bam, ukuba ezi zinto zibe nje." Inkohliso ingamonzakalisa umntu ngaphezulu kokuphangwa. Ukuthetha ubuxoki nangaliphi na ixesha kusisono. Ukuthetha ubuxoki kusisono nangaphezulu xa kusenziwa phantsi kwesifungo enkundleni yomthetho. Ukunika ubungqina obubuxoki ngokunjalo kubandakanya intlebendwane, ungcikivo olububuxoki noncomo olunganyanisekanga. Ezinye iindlela abathi ngazo abantu banike ubungqina obubuxoki kukuthetha inyaniso

engaphelelanga nokuba. Ezinye iindlela bubuhanahanisi, ukugweba abanye, ukutyhola abanye ngokuba neenjongo ezingalunganga, kunye nokuthetha ubuxoki ubazi.

Nabuphi na ubuxoki buchasene nomthetho kaThixo ukuyazi inyaniso kodwa uyigcine kuwe khon'ukuze umntu eve ubuhlungu ngendlela ethile ngokunjalo kuchasene nomthetho kaThixo. Ingaba sakhe sanobutyala baso nasiphi na kwezi zono?

**ISIQENDU SESIBINI**

Kukho izizathu ezininzi ezibangela ukuba abantu bathethe ubuxoki. Abanye abantu bayaxoka ukuze baphephe iziqhamo zenyaniso. Abanye abantu bayaxoka kuba sekude kwaba kwaqheleka kubo ukwenza njalo. Amaxoki abonisa ubuthathaka besimo sawo. Abanye abantu baxoka ngenxa yekratshi. Bafuna ukuzibeka kweyona ndawo iphucukileyo inokuthi ifumaneke. Abanye abantu baxoka ngenxa yempakamo yabo. Baphakame kakhulu ukuba banganakho ukuthetha eyona nyaniso. Abanye abantu bayaxoka kuba yeyona ndlela ilula kakhulu yokuphuma kwimeko embi. Ezi zizizathu nje ezimbalwa ezibangela ukuba abantu baxoke.

Isizathu esinye esingunobangela wokokuba abantu bathethe ubuxoki sisono. Umntu uthetha ubuxoki ukubaleka umgwebo wexeshana; kodwa ngokwenza le nto, umelwe kukujongana nomgwebo kaThixo ongunaphakade.

IZenzo 24:16 zithi "Ndiyazama, ukuba ngamaxesha onke ndingabi nasazela sikhubekisa nganto ngakuThixo nangakubantu." IMizekeliso 24:28 ithi, "Musa ukuba lingqina ngommelwane wakho ngaphandle kwesizathu, ungasuke uthomalalise na nangomlomo wakho? IMizekeliso 14:5, "Ingqina elinyanisekileyo aliwathethi amanga; ke lifutha amanga ingqina elixokayo."

**ISIQENDU SESITHATHU**

Ukuthetha ubuxoki kuyinto enkulu, kuyaluchaphazela unxulumano lwethu kunye nabantu bethu. Ukuxoka kuvuselela ungcikivo olungeyonyaniso. Kukuthetha ngabanye abantu into umntu angenakho ukuyithetha kubo ubuso ngobuso.

Ukuxoka kubonisa umoya wobubi ngaphakathi entliziyweni nangakwabanye abantu. Umntu oxokayo akanayo indawo yothando entliziyweni yakhe. Ukuxoka kuyaluchaphazela unxulumano lwethu nabantu kunye noThixo. (Fundela iqela Isityhilelo 21:8.)



Ngoku ke sifunda ngokufa oku kwendalo. Masikhumbule ukuba ukufa kwasemoyeni komntu omthandayo kuyintlekele ngaphezulu kunokufa kwesiqhelo. UKrestu wakoyisa ukufa. Wavuka kwelabafileyo. Unakho ukubavusa ekufeni abantu, abangenise kubomi obungunaphakade. Ingaba siyakholelwa kule nto? Ingaba siyayibonakalisa ngezenzo xa omnye wabantu esibathandayo esifa?

Intshumayeli 12:7 ithi, "Lungekabuyeli emhlabeni uthuli, njengoko belunjalo, umoya ubuyele kuThixo owawunikayo." Simele ukuba sithi abo sibathandayo, abafileyo ngokwasemoyeni sizame ukubakhokelela ekubeni babamkele ubumi obutsha ngoYesu Krestu ngoku.

**ISIQENDU SESINE**

Xa isihlobo esingumKrestu sisifa, umoya waso uyahamba uyokuba neNkosi. Intlungu esiyivayo yeyethu kuphela ngokuthi siphulukane nobukho bakhe ngokwasenyameni apha emhlabeni. Ukuxhalaba kwethu, njengamaKrestu akumele ukuba kube kokujongene neziqu zethu kuphela. Isihlobo esingumKrestu sibuyele eNkosini. Izenzo zabo bazilayo zingabubungqina ngayo iNkosi ephilayo.

Xa sikhala futhi sisenza isijwili, asimzukisi uThixo. khumbula, uMoya wesihlobo umkile, uye ebuqaqawulini naseluvuyweni lwasezulwini. Sikhala ngokucingela iziqu zethu kuphela, ngoba asikhange silisebenzise kakuhle ixesha lethu emhlabeni ngokuphathelela kuloo mntu usisihlobo. (Fundela iqela ezizicatshulwa: Indumiso 23:4; Indumiso 46:1; Indumiso 62:8; Indumiso 9:9.)

**UMBHEXESHI WENKQUBO**

Sifanele ukuba sikukhumbule ukuzixakekisa ngenxa yeNkosi ngoku lisavumayo ixesha. Indumiso 19:12 ithi, "Sazise kanye ukuyibala imihla yethu, ukuze sizuze intliziyo elumkileyo."

KwabaseRoma 14:8 sixelelwa oku "Kuba nokuba sithi sidle ubomi, sibudlela iNkosi; nokuba sithi sife, sifela iNkosi. Ngoko ke, nokuba sithi sidle ubomi, nokuba sithi sife singabeNkosi.

Ukufa kwesihlobo akuzanga kwaba lula kwabo bashiywe ngasemva. Kodwa uThixo uthi, "Ubabalo lwam lukwanele; kuba amandla am azalisekiswa ekusweleken kwamandla." (2 KwabaseKorinte 12:9).

Intuthuzelo ingafumaneka kumazwi kaPawulos, umpostile, "Ke kaloku, iNkosi yethu uYesu Krestu ngokwayo, noThixo uBawo wethu owasithandayo, wasinika intuthzelo engunaphakade, nethemba

# UMKRESTU OJONGENE NONXUNGUPHALO

## ISICENGCELEZO

*"Ndimelwe kukuyisebenza imisebenzi yowandithumayo, kusesemini kuza ubusuku, xa kungekho namnye unako ukusebenza."*UYohane 9:4

## UMBHEXESHI WENKQUBO

Ndiqinisekile ukuba sonke ngabanye sikhe sakufumana ukunxunguphala okuthile okanye ukukhathazeka komphefumlo ebomini bethu. Singabanye sakhe sakhathazeka ezintliziyweni ngenxa yezenzo zabantu abasondeleyo kuthi nesibathandayo. Abanye bafumene ukuhlupheka emphefumlweni ngenxa yokulahleka kwemali okanye izinto esinazo. Abanye beve ubuhlungu ngenxa yokusweleka komzali, umyeni, okanye abantwana.

Ukukhathazeka komphefumlo akuyonto ilula. NjengamaKrestu asimele ukuba sizithwalele sedwa ukukhathazeka kwethu. Sifuna ukubona kwisifundo sanamhlanje oko sikuxelelwa lilizwi likaThixo malunga nokujongana nezinto ezibuhlungu ebomini bethu.

## ISIQENDU SOKUQALA

Bonke abazali kukho intlungu ethile nokukhathazeka komphefumlo abakuvayo ngenxa yabantwana babo. Sisoloko sisiva ubuhlungu ngenxa yezinto abazenzayo. Xa abazali bezinikezele ngokunzulu kuKrestu, baya kubakhulisa abantwana ngokweziBhalo. Imizekeliso 22:6 ithi, "Mfundise umntwana ngendlela efanele umntwana, naxa athe wamkhulu, akasayi kumka kuyo." Xa umntwana eyazi iNkosi, usengazishiyayo iimfundiso abethe wazazi, kodwa iziBhalo ziyasiqinisekisa ngokubuyela kwakhe ebandleni likaThixo. Ukuba asibafundisanga abantwana bethu indlela yeNkosi, sifanele ukuba siqalise namhlanje ukulungisa impazamo yethu.

## ISIQENDU SESITHATHU

Kubuhlungu nakowuphina kuthi xa umntu esimthandayo esifa. Masikhumbule ukuba iBhayibhile ithetha ngeentlobo ezimbini zokufa. Ukufa oku kwesiqhelo kunye nokufa kwasemoyeni. Ukufa oku kwesiqhelo kubakho xa ithe yaphuma emntwini impefumlo yobomi. Ukufa kwaseMoyeni kubakho xa umntu ozalelwe esonweni esala ukuyamkela impefumlo yoMoya kaThixo. Abantu ababomi babo buzele bububi nesono bafile ngokwaseMoyeni. Abanabo ubomi bukaYesu Krestu.



Enye indlela yokunganyaniseki kukwenza isithembiso, ungajonganga kusigcina. Esi sisono esiqheleke kakhulu elizweni lethu namhlanje phakathi kwabantu ngabanye, naphakathi kwemizi-mveliso yoshishino. UmKrestu umele ukuba azilumkele futhi angaze abe nobutyala besi sono.

## IZIHLOKO ZENGXOXO EMAZIKHOKELWE NGUMBHEXESHI WENKQUBO

1. Ilungu lichola imali phantsi enkonzweni emva kokuba iphumile inkonzo yokudumisa. Umele ukuba enze ntoni ngayo? Avela phi amandla akhe okusoyisa isihendo? (Funda amaHebhere 2:18.)
2. UmKrestu uya eshawareni. Umntu othile ungaphakathi kwelinye lamagumbi okuhlambela. Akukho mntu uyakumbona xa ekhupha imali kwingxowa yesandla. Uyidinga kakhulu imali. Intlawulo yesikolo yabantwana bakhe imele ukuhlawulwa ngokukhawuleza. Yintoni ezakwenziwa ngumKrestu? (Funda 1 KwabaseKorinte 10:13.)
3. Ngemini ethile amaKrestu aceba ukusa ukutya kwikhaya elisweleyo. Elinye ilungu liyavuma ukuhamba. Liyavuma ngokunjalo ukuphatha ukutya. Liyazi entliziyweni yalo ukuba aliyi kuhamba. Futhi lingayi kusa kutya apho. Ingaba kukunganyaniseki oku?
4. Indoda ithatha umsebenzi. Iyavuma ukuba umsebenzi lowo uyakugqitywa ngeentsuku ezintathu. Iyazi entliziyweni yayo ukuba iyahamba iya ekhayeni layo. Umsebenzi awusayi kugqitywa ngaphambi kokubuya kwayo emva kweeveki ezimbini. Kukunganyaniseki kuye ukuwuthatha umsebenzi futhi anike esi sithembiso.

## UMBHEXESHI WENKQUBO

Ayikho indawo yokunganyaniseki ebomini bomKrestu. Ukunganyaniseki kuyabagxotha abantu kuThixo. Kusahlukanisa noThixo. UmKrestu angonwaba futhi abe luncedo kwabanye. Simele ukuba sithethe inyaniso ngomoya wothando. UYesu wathi kuthi, "Ndim indlela, ndim inyaniso, ndim ubomi." UmKrestu ngulowo ufana noYesu. Ungumzekelo wethu ezintweni zonke.

## UMTHANDAZO WOKUVALA

Thandazela ukuba sonke sinyaniseke ezintweni zonke. Thandazela ukuba sibe yimizekelo emihle emakhayeni ethu, ngakumbi ebantwaneni, ekwenzeni okwamkelekileyo nasekunyanisekeni kuzo zonke izigaba zobomi bethu bemihla ngemihla.

INKQUBO 4

# UMKRESTU EKHAYENI LAKHE

## ISICENGCELEZO

*"Ke ukuba kubi emehlweni enu ukumkhonza uYehova, zinyuleleni namhla oyena niya kumkhonza; nokuba ngoothixo ababekhonza bona ooyihlo, ababephesheya komlambo nokuba ngoothixo bamaAmori, enihleli ezweni lawo. Ke mna nendlu yam siya kukhonza uYehova."*

*Yoshuwa 24:15*

## UMBHEXESHI WENKQUBO

Sisonke ngabanye siyawazi amadoda namakhosikazi akhangeleka ezinikele kakhulu kuKrestu. Noko ke siyawazi ngokunjalo amadoda namakhosikazi azintsapho zawo zingonwabanga. UMoya ekhaya ukhangeleka ungakhululekanga. Xa ikhaya lomKrestu libonisa ukungakhululeki, kungenxa yokokuba kukho into engalunganga apha elusatsheni. Kukho into engalunganga kunxibelelwano phakathi komnye nomnye naphakathi komntu noThixo. Masikhe sicinge namhlanje ngezinye izinto ezimele ukuba zibe yinyaniso kumKrestu ekhayeni lakhe.

## ISIQENDU SOKUQALA

(Fundela iqela iGenesis 2:7, 15, 18, 22-24.) Izahluko zokuqala zeBhayibhile yethu zibonisa imvelaphi kwakunye nenjongo yosapho. UThixo wadala indoda.

UThixo wayinika indawo yokuhlala indoda. Indoda yadinga iqabane lobomi. UThixo wenza umntu obhinqileyo ukuba abe ngumfazi wendoda. UThixo wayesekeleze ukuba bobabini indoda nomfazi bathembeke omnye komnye. Bobabini indoda nomfazi benzelwe ukuba bathembeke kuThixo.

## ISIQENDU SESIBINI

Usapho lwamiselwa nguThixo ngenjongo. Enye yenjongo zikaThixo yayikukuzisa abantwana emhlabeni. IGenesis 1:28a ithi, "Wabasikelela uThixo, wathi kubo uThixo, Qamani, nande, niwuzalise umhlaba..."

Enye injongo yobuthixo ngosapho kukufundisa abantwana iinyaniso zikaThixo. (Funda iDuteronomi 6:4-7.) UThixo akazange ayiguqule injongo yakhe ngosapho. USathana akayontsomi. Ulucel'umngeni usapho futhi azame ukulwenza buthathaka. UmKrestu umele ukuba ngoncedo lukaThixo, amkhuphelengaphandle kobomi bkahe uSathana



## UMBHEXESHI WENKQUBO

UmKrestu ngamnye ufanele ukuba aqonde ukuba abanye abantu bayijongile yonke intshukumo yakhe. Xa sibonakalisa umsindo, ukungabi namonde, ikhwele, impakamo kunye nokubawa, ubungqina bethu ngeNkosi buyonakala. Ezi zinto zisisono esingena singaqondanga ebomini bethu. Okokuba siyayicela ngokholo iNkosi, iyakusinceda ukuba siyisuse le mimoya ingcolileyo ebomini bethu.

Kukho ingoma enala mazwi:

*"Nkosi, ndincede ndiphile imihla ngemihla*
*Ngendlela yokuzilibala mna ngokwam*
*Ndide naxa ndiguqa ndithandaza*
*Ndithandazele abanye*
*Ewe, abanye Nkosi, abanye. Esi mayibe sisimbo sam,*
*Ndincede ndiphilele abanye. Ukuze ndiphile njengawe."*

Le yimfihlelo yobomi bobuKkrestu. Sithwele igama likaKrestu yena unguwo umzekelo wethu. Uhlala ngaphakathi kuthi. Akukho bungqina esinokuze sibufumane bokokuba uYesu wakhe wacingela isiqu sakhe kuqala kunabanye abantu.

Asinayo ingxelo ngaye apho athi "Mna, ndimele ukuba ndizilungiselele indlela yam!" Siyafumanisa ukuba wathi kuThixo, uyise wakhe osemazulwini, "Hayi eyam intando kodwa eyakho intando mayenziwe." Ubomi bukaYesu wabuphilela futhi wabunikela ngenxa yabanye abantu. Simele ukuba sifane naye ngakumbi.

## UMTHANDAZO WOKUVALA

Thandazela ukuba sifane ngakumbi noYesu kubomi bethu bemihla ngemihla.

2. Namhlanje ndiye esilarheni. Ndibize iiponti zambini zenyama kunosilarha. Ndizihlawulele zombini iiponti zenyama kunosilarha. Ndakube ndifikile ekhaya ndaza ndayikhulula kwizisongelo, ndafumanisa ukuba yiponti enye kuphela. Unosilarha wenze impazamo. Yintoni mna njengomKrestu endifanele ukuba ndiyenze malunga nenye le iponti yenyama engekhoyo?

3. Xa bendihlawula imali yam evenkileni namhlanje, umamkeli mali undibuyisele imali eninzi kakhulu njengetshintshi. Yintoni endimele okanye amele ukuyenza umKrestu?

**ISIQENDU SESINE**

Ubumelwane businika indlela eyodwa yokungqina ngoKrestu. Busenza ukuba sibe nakho ukuzivavanya ukuze sibone ukuba ingaba uKrestu uthetha ntoni kanyekanye kuthi. Ikhaya elivulelekileyo kubamelwane liyintsikelelo emsebenzini kaThixo. Yinto exabisekileyo ukuba abantu bangene bephuma emakhayeni ethu. Le nto ixabisa imali nexesha. Kodwa iNkosi uYesu yathi, "Namkele ngesisa, yiphani ngesisa." (Mateyu 10:8b).

1 Petros 4:9 uthi, "Bukanani, ningenakukrokra." AmaHebhere 13:2 athi, "Musani ukukulibala ukubuka iindwendwe; kuba ngokwenjenjalo inxenye ibuke izithunywa zezulu, ingazi."

**IZIHLOKO ZENGXOXO EMAZIKHOKELWE NGUMBHEXESHI WENKQUBO**

1. Indoda engumKrestu ingunosilarha. Inokwenza imali eninzi ngokuthi iwenze ube nganeno umlinganiselo weodolo nganye. Abantu abaninzi bahendeka ngolu hlobo? Ingaba umKrestu ufanele ukwenza into engcole njengale?

2. UTitshala wesikolo unabo bobabini abafundi abangamaKrestu nabangengawo amaKrestu. Ufumanisa ukuba kulula kakhulu ukubathanda abanye abantwana kunokuba kunjalo kwabanye. Ingaba utitshala ongumKrestu uya kuthanda abantwana abathile? Ingaba ufanele ukubaphatha njani bonke abantwana bakhe eklasini?

3. Abantwana bakho basoloko besiza kudlala nezihlob zabo ekhaya. Kukhangeleka ngokungathi kukho abantwana kwindawo yonke, imihla yonke. Akukho ndawo ilikhusi. Bangenisa endlwini ukungcola kwasegadini. Batya basigqibe isonka sosapho. Ingaba umama ongumKrestu uyakungenisa kuphela abantu abadala emzini wakhe ukuze abakhuphe abantwana? Yintoni omele ukuyenza?



nangaphandle kwekhaya lakhe.

**ISIQENDU SESITHATHU**

Unxibelelwano losapho omnye komnye lumele ukuba lube ngokwemiqathango kaThixo. Umyeni kufuneka ayithande inkosikazi. EyabaseKolose 3:19 ithi, "Nina madoda, bathandeni abafazi benu, ningabi bukhali kubo."

Umfazi makamthande umyeni wakhe futhi amamkele njengentloko yekhaya. EyabaseKolose 3:18 ithi, "Nina bafazi, walulameleni awenu amadoda, njengoko kufanele abaseNkosini.

Eyabase-Efese 5:22-24 ithi, "Nina bafazi, walulameleni awenu amadoda, ngokululamela iNkosi; ngokuba indoda le iyintloko yomfazi, njengokuba naye uKrestu eyintloko yebandla eli; waye yena ngokwakhe enguMsindisi wawo umzimba. Ke, kwanjengokuba ibandla eli limlulamela uKrestu, mabathi ngokunjalo nabafazi bawalulamele awabo amadoda ezintweni zonke."

Umama makakhathalele usapho lwakhe. Imizekeliso 31:27 ithi, "Uyayondela ihambo yendlu yakhe, angasidli isonka sobuvila."

Abantwana ngabokuba baqeqeshwe (Imizekeliso 22:6). Abantwana mabolulekwe ngabazali (kwabase-Efese 6:4). Abazali mababe yimizekelo emihle kubantwana (2 kuTimoti 1;5, 2 IziKronike 26:4). Abantwana mabababeke futhi babathobele abazali babo (Imizekeliso 1:8; Kwabase-Efese 6:1).

Abazali abangamaKrestu bamele ukukhumbula ukuba ukuze abantwana babe nokubahlonela abazali, abazali bamele ukuba bandiliseke. Elinye ijoni elidumileyo lakhe lathi: "Ngokobizo ndilijoni kwaye ndinelunda ngaloo nto. Kodwa ndinelunda ngakumbi ngokuba ngutata. Ithemba lam kukuba unyana wam, xa ndimkile uyakundikhumbula mna hayi ngokwasedabini, kodwa ngokwasekhaya, ndiphinda-phinda kunye naye umthandazo omnye nolula, "Bawo wethu osemazulwini."

**ISIQENDU SESINE**

Unxibelelwano phakathi kwabazali nabantwana lusoloko luguqu-guquka njalo. Ekuqaleni umntwana umelwe ukuba aphathwe. Ethubeni ufunda ukuhamba logama ebambelela esandleni sikamama. Kamva umntwana ufunda ukuzihambela ngokunokwakhe. Ukuya kwisithuba sobudala obuminyaka ilishumi, umntwana uqinisekile ukuba

abazali bakhe bazi yonke into. Kwisithuba seminyaka elishumi elinesithandathu, umntwana akaqinisekanga ngabazali bakhe. Kwisithuba seminyaka elishumi elinethoba, umntwana uziva egqithisile kubazali bakhe ngolwazi.

Xa ekwisithuba samashumi amabini anesibini, uyohlukana ngokupheleleyo nabazali. Kodwa kubudala bamashumi amathathu siyakhumbula ukuba abazali bethu babenyanisile kwizinto ezininzi. Kumashumi amane, siba nesigqibo sokokuba abazali bethu babephantse basemgceni ngokugqibeleleyo. Abazali abangamaKrestu bamele ukuba baqonde ukuba unxibelelwano lwabo nabantwana babo luyakuba loluguquguqukayo. Noko ke, abantwana bethu balo naliphi na ixabiso bamele ukuba babe nakho ukujonga ebazalini abangamaKrestu, babone ubomi obusekelwe kwimiqathango yobuKrestu. Bamele ukuba babone ebomini bethu ihambo yemihla ngemihla esondele kuMsindisi.

## IZIHLOKO ZENGXOXO EMAZIKHOKELWE NGUMBHEXESHI WENKQUBO

Xa uhambele emzini, unokuliva lula uhlobo lonxibelelwano olukhoyo phakathi komyeni, unkosikazi kunye nabantwana. Xoxani kunye la mabali ayinyaniso akumakhaya apho bobabini abazali nabantwana bangamaKrestu.

1. Utata ungqongqo kakhulu emfazini nakubantwana bakhe. Usebenza iiyure ezininzi njengomakhi. Ufika ekhaya edinwe kakhulu kwaye engatyhilekanga. Umfazi uluhlobo olwahlukileyo. Ululame ngendlela engummangaliso. Akanyanzelisi mimiselo okanye ngqeqesho. Aba bantwana bathathu bayawazi umahluko okubazali babo. Basoloko belinda ukuba ade abe usemsebenzini utata okanye ulele. Bathi ngoko baye kumama neemfuno zabo. Uyintoni undonakele kweli khaya?

2. Utata nomama bahoyene ngendlela emangalisayo. Baxoxa zonke izinto kunye. Imimiselo yekhaya yenziwa kunye engxoxweni. Abantwana bayazi ukuba nabo bafumana kwa olo thando nemigaqo eminye yokuziphatha kubazali boba bobabini. Ngamaxesha athile indoda kunye nomfazi wayo baya kungavumelani. Noko kunjalo, bathembisana, bayithembisa neNkosi ukuba abanakuze baye kulala bequmbelene. Ucinga ntoni ngeli khaya?

3. Kwelinye ikhaya, utata usebenza nzima kakhulu, iiyure ezininzi ebusuku. Kunqabile ukuba ababone abantwana bakhe. Uba semsebenzini xa befika ekhaya bevela esikolweni. Ulele xa besiya



ukwabelana nazo ngoYesu.

## ISIQENDU SESIBINI

UmKrestu unikwe inxaxheba yokungqina ngeNkosi ngoqhagamshelwano analo nezikolo zasekuhlaleni kwakhe. Iinqununu kunye nabahlohli abaninzi abangawo amaKrestu. Abazali bangayisebenzisa imiqathango yobuKrestu kunxibelelwano lwabo nesikolo, nabahlohli kwakunye nemibutho ehlanganisa abazali nabahlohli. Kutsha nje enye inqununu ikhe yathi kumfundisi waseBhaptizi, "Ndifuna ukuba wazi ukuba ndiyaluthanda olu hlobo lwenkolo unalo." Mhlawumbi iyakuba nakho ukusebenza ngokunzulu iNkosi entliziyweni yakhe.

Imizekelo emihle yesimilo sobuKrestu ibalulekile. Siyambonisa uYesu ngokuthi sibe nomonde ndawonye nokuqonda ngokubhekisele kubantwana kunye nootitshala. Sibonakalisa inkathalo ngokuthi simncede umntwana ukuba awugqibe umsebenzi wasekhaya ngosuku ngalunye. Sibonakalisa inkathalo ngokuthi sisazise isikolo ukuba siyakusebenzisana naso futhi sisincede. Sifanele ukuba siwuhlawule ngokukhawuleza umrhumo wesikolo. Sifanele ukuba siqonde ukuba abantwana bethu bafumana ukutya okulungileyo nobuthongo obumnandi. Sifanele ukuqinisekisa ukuba abantwana bethu bacocekile xa besiya esikolweni.

Oomama abangamaKrestu banethuba elihle lokungqina ngethuba bethatha inxaxheba emibuthweni nasemisebenzini yasentlalweni. Kuyo yonke into esiyenzayo, simele ukungqina ngoYesu.

## ISIQENDU SESITHATHU

Amadoda kunye noomama banethuba lokungqina ngoYesu ngelixesha bethenga izinto zabo futhi besebenzisana neefemi zoshishino. Mhlawumbi obona bungqina bubaluleke kakhulu bomKrestu kukuhlawula ngokukhawuleza amatyala akhe. UmKrestu umele ukuba alumke, angasebenzisi imali engaphezulu kunayingenisayo. UmKrestu umele ukuba alumke ukuze anyaniseke ngokugqibeleleyo ekusebenzisaneni kwakhe neshishini.

## XOXANI KUNYE

1. Namhlanje ndiye esilarheni. Ndithenge iponti yanye yenyama. Ndakube ndifikile ekhaya ndaza ndayikhulula kwizisongelo inyama, ndifumene iiponti ezimbini zenyama. Unosilarha wenze impazamo. Yintoni mna (njengomKrestu) endimele ukuyenza ngale nyama yongezelelweyo?

INKQUBO 7

# UMKRESTU NOBUMELWANE BAKHE

## ISICENGCELEZO

*"Elokugqiba, bazalwana bam, ndithi, yomelelani eNkosini nasekuqineni kokomelela kwayo."AmaGalati 6:10*

Isicatshulwa sokufundelwa ekhaya ngawo onke amalungu phambi kwentlangano. Mateyu 25:34-46

## UMBHEXESHI WENKQUBO

Ubumelwane esihlala kubo businika ithuba lokokuba sibonakalise ukuba unantsingiselo ingakanani na uKrestu kuthi. Abamelwane bethu basibona imihla yonke. Bayazi ukuba sinxiba njani. Bayazi ukuba sithetha njani. Bayazi nditsho nokokuba kwenzeka ntoni ngaphakathi ezindlwini zethu, ngoba abantwana bethu bayathanda ukuncokolela abanye konke abakwaziyo. Asinazimfihlelo kubo abamelwane. Basenokusiva enkonzweni sisithi siyamthanda, siyamthemba kwaye simbekile uThixo kodwa bayabona kubomi bethu bemihla ngemihla ukuba sinyanisile okanye asinyanisanga.

1 Petros 2:21b, 23 uyasixelela, "... noKrestu weva ubunzima ngenxa yethu, esishiya nomzekelo, ukuze silandele emkhondweni wakhe... obesithi etshabhiswa, angaphindezeli atshabhise, athi esiva ubunzima, angaphindezeli asongele; ke ubeyekele kulowo ugwebayo ngokobulungisa.

## ISIQENDU SOKUQALA

Unxibelelwano lwethu nabantu lubalulekile. Ingaba uyabazi ngamagama bonke abantu abahlala kufutshane nawe? Ingaba unawo umzamo owenzayo wokubonakalisa ubuhlobo kunye nobubele kubo. Ingaba bayayivuma into yokokuba ubakhathalele ngokunyanisekileyo? Incwadi kwabaseRoma 14:7a ithi "Kuba akukho namnye kuthi uzidlelayo ubomi."

Ukuzihlobanisa kubaluleke kakhulu kumKrestu. Kuyinto emnandi ngokumangalisayo ukwabelana nezihlobo ngemivuyo kwakunye neentsizi zethu. Izihlobo zethu ziyakholelwa kwesikuthethayo. Incwadi kaMarko 5:1a ithi kuthi, "(UYesu wathi kuye) Hamba uye endlwini yakho kwabakoweni, ubabikele oko zingako ukuba zinkulu izinto ekwenzele zona iNkosi, yaba nenceba engaka kuwe. Siyazithanda izihlobo zethu. Simele



esikolweni. Umfazi uchukumiseka kakhulu kwaye ukhathazeka msinyane. Abantwana baya ezindaweni ezininzi futhi benze izinto bengamxelelanga yena mama. Okokuba uya babuza, bamxelela ubuxoki endaweni yokokuba bamkhathaze. Yintoni undonakele kweli khaya?

## UMBHEXESHI WENKQUBO

Sisonke sifuna ukubonakalisa ukuba uKrestu uyinyaniso ebomini zethu xa siphethe iintsapho zethu. Masimthembise uThixo khona ngoku ukuba siya kuza kuye ngomthandazo, sicele ukukhokela kwakhe phambi kokuba senze izigqibo ngokuphathelele kumakhaya ethu.

## UMTHANDAZO WOKUVALA

Thandazela ukuba siyakuba ngamaKrestu athozamileyo nanobubele. Thandazela ukuba siyakuba ngqongqo kodwa sibe nobubele xa isitsho imeko.

# UMKRESTU NOMSEBENZI WAKHE

## ISICENGCELEZO

*"Siyanivuselela ke, bazalwana, ukuba nikhule kuko oko ngakumbi, nokuba nizondelele ukuba nizole, nenze ezenu izinto, nisebenze ngezenu izandla, njengoko saniyalayo."* *1 KwabaseTesalonika 4:10b-11*

## UMBHEXESHI WENKQUBO

Enye indoda yakhe yathi, "Ndiyakuziphatha ngokomKrestu enkonzweni; kodwa kuyinto engenakho ukwenzeka ukusebenza ngemiqathango yobuKrestu empangelweni." NjengamaKrestu siyazi ukuba simele ukuba siphile njengoYesu. Asinakuyahlulahlula indlela yethu yokuphila ibe zizigaba ezahlukeneyo. Asimelanga ukuba sihlale ngokukaKrestu okwexesha elithile kuphela ukuze siphile ubomi obungafaniyo noKrestu kwesinye isahlulo sexesha. Kwisifundo sanamhlanje siza kubona ukuba sisixelela ntoni na isiBhalo mayela nomKrestu emsebenzini wakhe.

## ISIQENDU SOKUQALA

Kuyintando kaThixo ukuba sisebenze. IGenesis 2:15 iyasixelela okwakuza kwenziwa nguAdam eEden. "UYehova uThixo wamthatha umntu, wambeka emyezweni weEden, ukuba awusebenze, awugcine."

UYesu wasebenza ngethuba awayesemhlabeni. UMarko 6:2,3 uyasixelela ukuba uYesu wayefundisa ngobulumko endlwini yesikhungo. Abaninzi besiva uYesu bamangaliswa besithi, "Lo akayiyo na ingcibi yokwakha?"

UPawulos wayeyindoda esebenza nzima kakhulu. Izenzo 18:26, 30 zithi "... weza (uPawulos) kubo (uAkwila noPrisila); kuthe ke ngenxa yokuba belilinye ishishini labo waselehlala nabo esebenza; kuba babengabenzi beentente, ishishini labo. UThixo usixelela nditsho nexesha emasisebenze ngalo. IEksodus 34:21athi, "Wosebenza imihla emithandathu, ke ngomhla wesixhenxe uze uphumle."

## ISIQENDU SESIBINI

Nawuphina umsebenzi owenziwa ngumKrestu umele ukwenziwa ngokugqibeleleyo kangangoko anakho. Umsebenzi wakhe ufanele ukuba usoloko uyanelisa iNkosi. EyabaseKolose 3:17 ithi "Nako konke enisukuba



lethu liyakuba lelisemoyeni ngakumbi xa linamalungu amaninzi ondeleyo ngokwasemoyeni.

## UMTHANDAZO WOKUVALA

Thandazela ukuba sizivume izono zethu, samkele uxolelo lukaThixo, ukuze ngokholo samkelele uMoya oNgcwele ebomini bethu nasebandleni ngokunjalo.

Incwadi kwabaseKorinte 1; 10:31b iyasixelela, "... zenzeleni uzuko lukaThixo izinto zonke." UYesu ukufanele okona kubhetele esinokukwenza. Wonke umKrestu umele ukuyikhumbula le nyaniso. Ngawethu amandla, ayikho into esinokuyenza. UKrestu, esebenza ngathi angayifezekisa intando yakhe.

**ISIQENDU SESITHATHU**

(Fundela iqela kwabaseRoma 12:9,10) AmaKrestu ayathandana. Amalungu ebandla elinye ayathandana. Uthando lobuKrestu luwenza amalungu abe nomonde, ububele kwakunye novuyo. Uthando lobuKrestu lusenza sibe nakho ukunyaniseka, singabi nomona nokuzicingela, futhi sikulungele ukuxolelana

**ISIQENDU SESINE**

Amandla okwenza ubomi bethu bungqinele uYesu avela kuMoya oNgcwele. Ngokholo, amaKrestu angabhenela kuye uMoya oNgcwele. UMoya oNgcwele uyakusebenza ngokunzulu ebomini bethu nasebandleni lethu okokuba sibulangazelela ngokunyanisekileyo ubulungisa. (Fundela iqela ku1 Yohane 1:6-10.)

**IZIHLOKO ZENGXOXO EMAZIKHOKELWE NGUMBHEXESHI WENKQUBO**

1. Ilungu lebandla libe kwisihlalo esithile iminyaka eliqela ebandleni lalo. Ngoku ibandla lonyula omnye umntu kweso sihlalo. Umele ukuva njani ngale nto? Ingaba umele ukukhathazeka, alishiye ngokupheleleyo ibandla? Ingaba ufanele ukuba akulungele ukuthatha umsebenzi ongomnye ukuze enzele iNkosi okusemandleni akhe? (Funda kwakhona kwabaseRoma 12:3-4.)
2. Elinye ilungu lebandla liyala ukuya kwiingxoxo zemicimbi yebandla. Lizigxeka kakhulu izigqibo ezenziwayo. Liyakhalaza kumfundisi. Likhalaza phambi kwabamelwane balo, uluninzi lwabo lungengomaKrestu. Ucinga okokuba limele ukwenza ntoni? (KwabaseRoma 12:1-2; KwabaseRoma 12:16; KwabaseRoma 14:13; kwabaseRoma 15:5-6.)

**UMBHEXESHI WENKQUBO**

Kubalulekile kuye nawuphina umKrestu ukuba afumane ukuhlanjululwa kwemihla ngemihla nokuzithoba ngaphantsi kwentando kaThixo. Okokuba siyayenza lento, ubomi bethu bomoya, ngabanye-ngabanye buya kwendela ngokunxulumene neNkosi. Ibandla



nikwenza ngelizwi, nokuba kungomsebenzi yenzani izinto zonke egameni leNkosi uYesu, nibulela ngayo kuye uThixo uYise.

Intshumayeli 9:10a ithi "Yonke into esiyifumanayo isandla sakho ukuba siyenze, yenze ngamandla akho." "1 Timoti 5:8 uthi, "Ukuba ke umntu akabakhathalele abakhe, ngokukodwa abendlu yakhe, ulukhanyele ukholo, unobubi ngaphezu kongakholwayo. UmKrestu makangaze onqene okanye avilaphe. (Funda kwabaseKolose 3:22-24; Luka 16:10.)

**ISIQENDU SESITHATHU**

Lubaluleka kakhulu unxibelelwano oluphakathi komqeshi nomqeshwa. Ububele, umonde, uthando kunye nokuqonda kubalulekile kubo bobabini. AmaHebhere 10:24a athi, "Kanjalo masinyamekelane, ukuba silolane eluthandweni nasemisebenzini emihle..."

Umqeshwa makasoloko enyanisekile ngamaxesha onke, angaze abe nobutyala bokuthatha into engeyiyo eyakhe. Incwadi kwabase-Efese ithi, "Lowo ubayo makangabi seba kanye ke makabulaleke esebenza okulungileyo ngezandla zakhe, ukuze abe nakho ukwabela osweleyo." Umqeshwa umele ukusebenza ngokuthembeka futhi enze owona msebenzi ukwinqanaba eliphezulu elinokufikeleleka.

Incwadi kaMateyu 10:10b, ithi, "... kuba umsebenzi ufanelwe kukudla kwakhe. IBhayibhile iyasifundisa ukuba umqeshwa ufanele afumane umvuzo opheleleyo ukuba usebenza ngokuthembekileyo.

Umfana omncinci usebenza njengomsebenzi-gadi. Mncinci, womelele kwaye unakho ukwenza umsebenzi omhle. Xa bemka abantu bekhaya uhlala emthunzini womthi de ababone bebuya. Athi ke axhume, aqalise ukusebenza kwakhona. Lento isikhumbuza Imizekeliso 18:9 "Nohilizayo eshishinini lakhe, ngumninawa kaSonakalisa." Lo mfana akakufanelanga ukuqeshwa kwakhe. Akathobeli. Uba ixesha. Wamkela umvuzo womsebenzi angawenzi kakuhle.

UMqeshi unoxanduva kuThixo nakubasebenzi bakhe. Incwadi iLevitikus 25:43 ithi, "Uze ungamphathi ngokutyumzayo; uze woyike uThixo wakho." Umvuzo ufanele ukuba ube sebulungiseni ngokomsebenzi owenziwe ngumntu ngamnye. Incwadi kwabaseKolose 4:1 ithi, "Nina bazinkosi baphatheni ngokufanelekileyo nangokulungeleleneyo abanikhonzayo; nisazi nje ukuba nani ngokwenu nineNkosi emazulwini."

**ISIQENDU SESINE**

UmKrestu kufuneka asebenze kangangoko anakho. Abanye abantu

bayonqena. Bazama ukuba benze kuphela umsebenzi owanele ukuba bangagxothwa. Abanye bakhuthele kwaye basebenza ngokuchulumanca. Benza ngaphezulu koko kufunwayo. Umsebenzi owenziwa nanguwuphi na umntu ukuze afumane ukuphila kwakhe umele ukuba ubaluleke kakhulu kuye. Khumbula amazwi encwadi kwabaseKolose 3:17a, "Nako konke enisukuba nikwenza ngelizwi, nokuba kungomsebenzi, yenzani izinto zonke egameni leNkosi uYesu..."

## IZIHLOKO ZENGXOXO EMAZIKHOKELWE NGUMBHEXESHI WENKQUBO

1. Indoda inomsebenzi omhle. Iwenza kakuhle umsebenzi wayo. Uyathunyelwa eluhambeni loshishino yinkampani yakhe. Uyazi ukuba angagqiba futhi abuye ngosuku olunye. Kodwa uxelele umqeshi wakhe ukuba uyakufuna iintsuku ezintathu engekho efemini ukuze awugqibe lo msebenzi. Ingaba uluhlobo luni lomntu.
2. Umama uyaphuma aye empangelweni usuku ngalunye. Unomsebenzi omhle kakhulu. Iinkathazo zakhe ziyakhula ekhaya. Ufuna ukuya kwilali enekhaya lakhe. Uya ekhala kumqeshi wakhe amxelele ukuba ufumene umyalezo wokufa uvela ekhaya. Akukho nomnye nditsho ogulayo elusatsheni lwakhe. Kodwa ucinga okokuba umqeshi wakhe uya kumvumela ukuba ahambe xa ethetha ubuxoki. Ingaba ucinga ntoni ngalo mama?

## UMBHEXESHI WENKQUBO

Ngamanye amaxesha siyahendeka ukuba senze nganeno kunoko sinokukwenza. NGamanye amaxesha sifuna ukuba sihlawulwe imali eninzi noxa sisenza kuphela umsebenzi omncinci. Le nto ayimonelisi uThixo. AmaKrestu awamele ukuba abe nobutyala besisono. IziBhalo ziyasixelela ukuba sifumana ngokomgudu esiwubonakalisayo.

Njengoluvo lokuvala, masikhe sifunde kunye Izenzo 20:33-35. (Cela abantu ukuba bazifunde ngazwinye ezi vesi kwiBhayibhile zabo.) UThixo ukuhoyile ukunxulumana kwethu nabanye abantu abanjengathi. Isidingo esingxamisekileyo namhlanje kukuba abantu bakaThixo bakuse iso ukuphumeza intando kaThixo ngokuphathelele kwimisebenzi yabo.

## UMTHANDAZO WOKUVALA

Thandazela ukuba siya kunyaniseka, sibe nomonde, futhi sibe nobubele ekusebenzisaneni nabantu esisebenza nabo. Thandazela ukuba sisoloko sisenza konke okusemandleni emisebenzini yethu.



INKQUBO 6

# UMKRESTU NEBANDLA LAKHE

## ISICENGCELEZO

*"Ndiyanivuselela ngoko, bazalwana, ngeemfefe zikaThixo, ukuba niyinikele imizimba yenu ibe lidini eliphilileyo, elingcwele, elikholekileyo kuThixo: inkonzo yenu ke leyo yasengqondweni. Kanjalo ningamilisi okweliphakade; manibe kumila kumbi ngokuhlaziyeka kwengqiqo yenu, ukuze nikucikide into okuyiyo ukuthanda kukaThixo okulungileyo okukholekileyo okuzalisekileyo."KumaRoma 12:1-2*

## UMBHEXESHI WENKQUBO

Asinakho ukuba sibe kanti asinasigqibo ngoKrestu namhlanje. Singabantwana bakhe. Simele ukubenza bumele uKrestu ubomi bethu. Ibandla lethu lilibandla likaKrestu. Ibandla lingomelela kuphela kangangokomelela kwamalungu alo. Ukomelela kwebandla kuxhomekeke ebunzulwini bomoya wamalungu. Kwisifundo sanamhlanje siyakuthi sijonge imimoya kunye nonxibelelwano olumele ukubalasela kumalungu ebandla.

## ISIQENDU SOKUQALA

(Fundela iqela kwabaseRoma 12:3-5.) Umoya wobunye umele ukubonakala ebandleni. UPawulos umpostile, ucele umngeni kwibandla ukuba lizigoca-goce. Ibandla lingumzimba omnye kuKrestu kodwa lenziwa ngabantu ngamnye-ngamnye. Umntu ngamnye uneetalente ezithile kwanokwenza izinto ezithile ezinikelwe kuye nguThixo. Ilungu ngalinye lifanele ukuba lizicingele ngokuthobekileyo. Sifanele ukuqonda ukuba amanye amalungu ngamanye-ngamanye akwangamalungu awo lo mzimba.

## ISIQENDU SESIBINI

(Fundela iqela kumaRoma 12:6-8.) Ilungu ngalinye lebandla lifanele ukuba lifune ukusebenza. Kukho ingxaki kuwo amabandla. Xa amalungu amaninzi esebenzisa iitalente neziphiwo zawo kumsebenzi weNkosi, awakwenzi ngebandla oko. UYesu wafundisa ukuba onke amalungu aneetalente, ezinikelwe kuwo nguMdali wawo. Lo mntu uneetalente ezimbalwa uphantsi kwalo mmiselo mnye ukuba azisebenzisele uKrestu iitalente zakhe kwanjengalo mntu uneetalente ezingaphezulu. Akukhathaliseki nokokuba ngomkhulu okanye ngomncinci umsebenzi esiwunikiweyo.